THE LANCET
Global Health

## Supplementary appendix 2

This translation in Isixhosa was submitted by the authors and we reproduce it as supplied. It has not been peer reviewed. *The Lancet*'s editorial processes have only been applied to the original in English, which should serve as reference for this manuscript.

Le nguqulelo yesiXhosa ifakwe ngababhali baza bayipapasha ngobunjalo bayo. Ayikahlolisiswa ngababhali. Abahleli be-The Lancet bahlolisise kuphela eyesiNgesi nengasetyenziswa njengembekiselo yolu xwebhu.

Supplement to: Lawrence DS, Muthoga C, Meya DB, et al. Cost-effectiveness of single, high-dose, liposomal amphotericin regimen for HIV-associated cryptococcal meningitis in five countries in sub-Saharan Africa: an economic analysis of the AMBITION-cm trial. *Lancet Glob Health* 2022; **10:** e1845–54.

Le nguqulelo yesiXhosa ifakwe ngababhali baza bayipapasha ngobunjalo bayo. Ayikahlolisiswa ngababhali. Abahleli be-The Lancet bahlolisise kuphela eyesiNgesi nengasetyenziswa njengembekiselo yolu xwebhu.

**Uhlolisiso lweendleko kuphononongo obeluqhuba kumazwe amahlanu lwe AMBITION-cm**

**Imvelaphi:** Ukuba nesifo se-cryptococcal meningitis kubantu abane-HIV yeyona nto iphambili ebangela ukuba babulawe yi-AIDS. Ulingo lwe-AMBITION-cm lwepilisi enye, ene-liposomal amphotericin B (AmBisome arm) eninzi kwangqina ukuba ukwenza oku akuyongozi xa kuthelekiswa noko kwacetyiswa yi-WHO yokuba mayibe zipilisi eziyi-7 ngosuku ze-amphotericin B deoxycholate (control arm) ibe bekukho iingxakana nje ezimbalwa. Siniphathela uhlolisiso lweendleko lwamazwe amahlanu.

**Iindlela olwenziwe ngayo** Bayi- 814 abantu abathathe inxaxheba kolu hlolisiso ibe ngabaseBotswana, eMalawi, eMzantsi Afrika, e-Uganda naseZimbabwe. Kwezi veki zilishumi zolu lingo, kwilizwe nganye siye sabala iindleko zasekuhlaleni neendleko zomthathi-nxaxheba ngamnye, sajonga umahluko kuzo zonke ezi ndleko saza ekugqibeleni sabala imali eyongiweyo kunyaka ngamnye kuwo wonke la mazwe.  Akukhange kubekho mfuneko yokuba kubizwe abantu boncedo lokuqala kuquka nakwiindleko zokoqobo.

**Iziphumo:** Masenze umzekelo ngeMalawi. Iindlelo ze-AmBisome arm kumntu ngamnye zenze i-$1369 zaza eze-control arm zenza i-$1237. Ngokomlinganiselo kongiwe imali eyi-$128 (95%CI;$59-$257) qho ngonyaka. Xa singazibali ezinye iindleko zophando, sisebenzisa ucwangciso lweendleko zokoqobo, imali eyongiweyo nyaka ngamnye yehle nge-$80

(95%CI;$15-$275). Utshintsho kwixesha lokulaliswa esibhedlele nakwiindleko zamayeza kuluchaphazele ngamandla olu hlalutyo. Iziphumo bezifana kuwo onke amazwe ngokwemali eyongiweyo ngonyaka kwiindleko zokoqobo ukuqala kwi-$71 eBotswana ukuya kwi-$121 yase-Uganda.

**Ingcaciso:** Iindleko ze-AmBisome beziphantsi ngokomlinganiselo. Bekungenzeka kukwazi ukongiwa imali eninzi nangakumbi kuba kaloku ukwenza eli chiza akufuni zinga eliphezulu lamayeza ibe nabathathi-nxaxheba khange bachithe xesha lininzi belaliswe esibhedlela.